URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
John.Solomons
ICandelo loLawulo lokuThengwa kweMpahla neeNkonzo
John.Solomons@westerncape.gov.za | 021 467 2818

Inombolo yefayili: 5/1/P
Isalathiso: 20220329-1139

ISetyhula: 0024/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli namagosa azii-*SCM Champions*

Isishwankathelo esifutshane: *Ukungeniswa kweerikhwizishini.*

Isihloko: Ukungeniswa kweerikhwizishini

1. Injongo yale setyhula kukwazisa onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ngedilesi ye-imeyili eyenzelwe ukungeniswa kweerikhwizishini. Le dilesi ye-imeyili iya kuphucula ukwenziwa kweenkonzo ngokunxulumene nokungeniswa kweerikhwizishini.

2. Injongo yale dilesi ye-imeyili kukuzilawula nokuzenza zibe yimpumelelo ngokungaphezulu iinkqubo zolawulo lwangaphakathi kwicandelo eliphantsi kolawulo lwe-*Supply Chain Management* (*SCM*). Amaxesha amaninzi iirikhwizishini zithunyelwa nge-imeyili kumagosa e-*SCM* awohlukahlukeneyo yaye oku kubangela iingxaki ingakumbi xa igosa le-*SCM* lingekho e-ofisini.

3. UMphathi onoXanduva kuya kufuneka athumele nge-imeyili irikhwizishini apha: WCED.Requisitions@westerncape.gov.za .

4. Ngoko ke, iirikhwizishini aziyi kwamkeleka xa zingeniswe kumagosa e-*SCM* awohlukahlukeneyo.

5. ISebe i*WCED* kufuneka lithobele imiqathango yale setyhula, i-*National Treasury Regulations and Instructions, i-Provincial Treasury Instructions ne-Accounting Officer's Systeme* ezimalunga neenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo zikarhulumente.

6. Le setyhula iqalisa ukusebenza ngowe-01 July 2022.

7. Makwaziswe okuqulethwe yile setyhula onke amagosa esebe ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-06-23